INTLANGANISO YONYAKA YE-18
INTETHO KASIHLALO

Manene Namanenekazi,

Kuyinyhweba kum ukunamkela kwiNtlanganiso Yonyaka Ye-18 Ye-CRF for Local Government.

Ndiza kuqala intetho yam ngokukhumbuza ngamnye kuni ngokubaluleka kokongela umhlalaphantsi wenu nokulondoloza iinzuzo zenu, kungakhathaliseki ukuba kunjani na. Ndifumanise ukuba la mazwi kaJim Rohn akwenza ucinge: "Ukuba akuyizobi ngokwakho iplani yobomi bakho, maninzi amathuba okuba uwele kwiplani yomnye umntu. Uyazi ukuba ukuplanele ntoni loo mntu? Ndiyakuqinisekisa – ayisondeli nakancinane kwinto obunethemba layo."

Lo nyaka siza kuthetha ngawo ububangel' umdla ngamafutshane. Ndiza kuchitha le mizuzu imalunga nama-20 ndinibonisa amahla-ndinyuka onyaka-mali oqale ngowoku-1 kuJulayi 2013 waya kowama-30 kuJuni 2014.

IMBUYEKEZO

INgxowa-mali iphinde yanembuyekezo kutyalo-mali lwayo, nangona isembi imeko yotyalo-mali kwaye kukho ukungaqiniseki okukhulu. Zizonke iiasethi noovimba beNgxowa-mali zikhule zaya kutsho ngaphezu kwe-R17 yeebhiliyoni zeeRandi kunyaka-mali esithetha ngawo. Iyonke imbuyekezo kutyalo-mali lwenu ngama-24.55% **kwi-Growth Portfolio**, isi-6.52% **kwi-Protection Portfolio** ne-12.84% **kwi-Moderate Portfolio**. (Sikholelwa ukuba i-**Protection Portfolio kunye/**okanye i**-Moderate Portfolio** zifanele zikhethwe kuphela ngamalungu xa esondele kakhulu ekuthatheni umhlala-phantsi.)

I-**Pensioner Portfolio** ize nembuyekezo ye-12.37%. Le mbuyekezo encumisayo iye yavumela iNgxowa-mali ukuba inyuse ipenshini yenyanga yamalungu ayo adla umhlalaphantsi ngomlinganiselo opheleleyo wokunyuka kwamaxabiso ezinto.

Iingxelo Zabahlalutyi Bomngcipheko beNgxowa-mali zithi imbuyekezo yeNgxowa-mali ukususela ekusungulweni **kwi-Growth Portfolio** bezili-15.06% ngonyaka kangangeminyaka eli-18. Le yimbuyekezo yokoqobo (imbuyekezo engaphezu komlinganiselo wokunyuka kwamaxabiso) yesi-9.02%. INgxowa-mali yakho kufuneka ityale imali ngendlela yokuba amalungu angabi phantsi koxinezelelo xa imarike idodobala. Ngoko ke, umele ukhumbule ukuba iNgxowa-mali ayinakuze ileqe imbuyekezo enkulu xa ityalayo, kuba loo nto iya kudala umngcipheko oyingozi kakhulu kwingxowa-mali ye-Defined Contribution, apho **ililungu** kungekhona **umqeshi** othwala umngcipheko (ngokwahlukileyo kwi-Defined Benefit okanye kwingxowa-mali eqhelekileyo).

INgxowa-mali yenze isigqibo esicetyiweyo sokutyala i-2% yazo zonke iiasethi zayo kumathuba otyalo-mali aseAfrika ukuze ifumanele amalungu ethu imbuyekezo esengqiqweni.

AMALUNGU ENGXOWA-MALI

Inani lamalungu afaka igalelo lande lisuka kuma-35 311 ukususela ngowama-30 kuJuni 2013 ukuya kuma-37 099 ngowama-30 kuJuni 2014**.** Oku kubonisa ulwando lwe-1 788 ukusuka kunyaka odluleyo, okanye ngaphezulu nje kolwando lwe-5% kumalungu athatha inxaxheba. Inani loqobo lamalungu amatsha akhethe ukungena kwiNgxowa-mali ngama-3 537. Noko ke, eli nani lincitshiswe ngabathathe umhlala-phantsi (503), abarhoxileyo (1 116), odendiweyo (1) nabaswelekileyo (176). Abathathe umhlala-phantsi bande besuka kuma-471 ngowama-2013 baya kuma-503, kodwa mnye kuphela oye wadendwa ebudeni bonyaka-mali.

Ukuqhubeka nokwanda kwamalungu kuqinisekisa ukuba le nto ayitshintshi, nto leyo eqinisekisa iinzuzo zomngcipheko, ukufa nokukhubazeka ngamaxabiso amahle kakhulu. Sifuna ukucela amalungu ukuba aqhubeke engamalungu eNgxowa-mali ukuze aqokelele imali eyaneleyo yomhlala-phantsi. Amalungu aphumayo kwiNgxowa-mali amele aqonde ukuba ayakwazi ukuyigcina imali yawo kwiNgxowa-mali okanye ayitransferele kwenye ingxowa-mali.

AMALUNGU ATYA IPENSHINI

Inani labadla umhlala phantsi liyaqhubeka ukuncipha, kuba bambalwa abantu abatsha abaye bathatha ipenshini kangangexesha elide. Amalungu adla umhlala phantsi ebengama-866 ngowama-2009, ama-840 ngowama-2010, ama-784 ngowama-2011, ama-780 ngowama-2012 nama-742 ngowama-2013 nama-725 ngowama-2014. Nangona emela iphesenti encinane nje yawo onke amalungu, amalungu adla umhlala phantsi abalulekile kwiNgxowa-mali. Nawo athunyelelwa incwadana yeendaba yawo ngokuthe rhoqo. Ahlawulwe ibhonasi ekhethekileyo yelo xesha, elingana ne-100% yepenshini yawo yenyanga, ngoDisemba 2014.

ULAWULO

INgxowa-mali yethu ilawulwa ngu-Verso Financial Services, apho iqela labasebenzi liqhuba umsebenzi ngenkuthalo ngokulawula imicimbi yamalungu ethu. Iindleko zolawulo lweNgxowa-mali ziyonyuka rhoqo ngonyaka ekubeni zibalwa ngenani lamalungu.

Zizonke iindleko zolawulo lweNgxowa-mali (aziphelelanga kwezika-Verso) xa zibalwa njengephesenti yemivuzo yepenshini zisengaphezulu nje kwe-0.8%, xa kuthelekiswa noko kuqheleke kwiingxowa-mali ngokubanzi okuyi-1%. IBhodi Yetrasti iyazidla kuba ikwazile ukugcina iindleko zingaphantsi kwezo ziqheleke kwiingxowa-mali ngokubanzi.

IBhodi ibamba ngazibini kwiqela labalawuli, kwisebe lezomthetho nezobugcisa nakubacebisi bengxowa-mali ngomsebenzi osemagqabini. Ndiyazibuza ukuba mangaphi amalungu aqondayo ukuba, ukususela oko yasungulwa le Ngxowa-mali, umlamli akakaze akhuphe isigwebo esinxamnye neNgxowa-mali. I-CRF imisela umlinganiselo

wolawulo esinokuzidla sonke ngawo. IBhodi kunye neGosa Eliyintloko baza kubeka esweni umgangatho weenkonzo ezinikelwa ngababoneleli ngeenkonzo bethu ngokuthe rhoqo.

IGALELO ELIHLAZIYIWEYO LOOCEBA

Njengenxalenye yembopheleleko yethu ecetyiweyo yokuphangalalisa amalungu ethu kuRhulumente Weengingqi, sivulele ubulungu bethu nakooCeba emva konyulo lukaMeyi 2011 kwaye ngoku silindele umhla wokusebenza kwe-freedom of association, eya kuvumela abasebenzi bakaRhulumente Wengingqi ukuba bathumele ubulungu babo kwingxowa-mali abayithandayo. Le nkqubo iyacotha, nto leyo ewachanayo amanye amalungu akholelwa ukuba zikho ezinye iindawo ezibhetele kuwo. Le Ngxowa-mali ayikaze ithintele ilungu ukuba lingaphumi xa kukwazeka.

Ukuze kukhuthazwe ooceba ukuba bangene kwi-CRF, iNgxowa-mali iye yahlaziya isimbuku segalelo likaceba saya kwi-15% (7.5% eligalelo likaceba ne-7.5% eligalelo lomqeshi).

IINZUZO EZIPHUCULWEYO

Kunyaka ophele ngowama-30 kuJuni 2014, kwenziwe olu phuculo lulandelayo kwiinzuzo ibe akukho zindleko zongezelekileyo ziya kutsalwa kumalungu:

- Inzuzo yomngcwabo iza kunyuka isuke kwi-R20 000 iye kwi-R25 000.
- Kunyuswe inzuzo yeinshorensi yokufa kwicandelo A, B, C, E no-F.
- Kunyuswe isixa-mali esiyinzuzo yokhubazeko kumalungu akwicandelo A no-B.

Ndifuna ukubulela kumaSebe Ezabasebenzi, iinkokeli zeemanyano, amaLungu Etrasti, iGosa Eliyintloko lethu yaye ngokukodwa umboneleli ngeenkonzo wethu wonxibelelwano, oqhubeka enxibelelana namalungu ukuze aqiniseke ukuba banolwazi ngeNgxowa-mali yethu nangemicimbi yepenshini ngokubanzi. Amalungu ethu abandakanyekile ekubuzeni iinkalo eziphathelele iNgxowa-mali yethu, esazisa ngendlela iNgxowa-mali enokuphucula ngayo ekunikeleni iinkonzo kuwo nasekusenzeni siphucule ngokubanzi. Siyayibulela lonto.

IZIPHAKAMISO ZOKUHLAZIYWA KOMHLALA-PHANTSI

Kwi-AGM yonyaka odluleyo sithe u-National Treasury uthumele amaxwebhu ahlukeneyo kwiingxowa-mali ukuze zigqabaze ngawo. Ebudeni beli xesha lokufaka ingxelo sibone kubhengezwa imithetho emibini, i-Taxation Laws Amendment Act (TLAA) ne-Financial Services Laws General Amendment Act. Kubalulekile ukuphawula ukuba olu tshintsho aluyi kuba senziwa ngowoku-1 kuMatshi 2015 kwaye luza kwenziwa ubuncinane kunyaka olandelayo.

ULAWULO

Sithethanje iBhodi ihlola ukuma kwayo ngenjongo yokuhlangabezana neemfuno zeNgxowa-mali Yelizwe. Sithethanje sihlola inkqubo yethu yeekomiti ukuze siqiniseke ukuba isebenza bhetele kwaye kukho ukuphenduliswa kwabantu.

U-Ernest & Young uphinde wamiselwa njengomhloli-zincwadi weNgxowa-mali yethu kwaye ndingatsho ukuba akukhange kubekho makhwiniba kwingxelo yethu yokuhlolwa kweencwadi, njengoko uza kubona kumaxwebhu owanikiweyo. Ndifuna ukudlulisela umbulelo weBhodi kuSihlalo nakumalungu eKomiti Ehlola Iincwadi ngozinikela kwawo ekulweleni ukuba kubekho ulawulo olululo kulo lonke ulawulo lwee-asethi zeNgxowa-mali.

IMIBULELO

Umsebenzi wokuba liLungu Letrasti uya usiba nzima ngenxa yomthetho omtsha nobukhulu beeasethi zeNgxowa-mali (ezingaphezu kwe-17 yeebhiliyoni zeeRandi). Ngokwe-Pension Funds Act nomthetho oqhelekileyo, amaLungu Etrasti amele enze izigqibo ecinga ngeyona nto iya kuzuzisa amalungu. Iimbopheleleko zokuba ngabameli zamaLungu Etrasti zifuna nokuba asebenzise iingqondo zawo kuyo nantoni na ebekwa ngaphambi kweBhodi. AmaLungu Etrasti amele akulungele nokuqeqeshwa ukuze azazi ezi mbopheleleko kwaye akwazi ukuzalisekisa loo ndima. Sinenyhweba yokuba abantu bakulungele ukukhonza kwesi sigxina kwaye ndibulela onke amalungu eBhodi ngokulungela kwawo ukukhonza nokufeza iimbopheleleko zawo kunyaka odlulileyo. Kwakhona ndifuna ukubulela abo kuni baye bazenza bafumaneka ukuba banyulwe kamva ebudeni bosuku.

INgxowa-mali yakho ikhonzwa ngababoneleli ngeenkonzo nabacebisi abanesandla. Alithandabuzeki elokuba u-Verso unkqenkqeza phambili kulawulo lweengxowa-mali, kwaye u-SASH uhamba yedwa kwezonxibelelwano. Kubahlalutyi Bemingcipheko bethu, u-Sean Neethling wakwa-Momentum, unokuthenjwa ukuba asinike elona cebiso lililo kwaye abaHloli-zincwadi bethu, u-Ernest & Young, basikhonza ngendlela esemagqabini. Abacebisi bethu ngotyalo-mali, uShainal Sukha noDuncan Theron bakwa-GraySwan, baye basinceda ukuze iNgxowa-mali ikwazi ukwenza izigqibo ezizise imbuyekezo entle kakhulu yotyalo-mali. Sibe notshintsho oluninzi kwiinkokheli zeNgxowa-mali ibe ndifuna ukubulela iGosa Eliyintloko neGosa Eliyintloko Lotyalo-mali ngokusebenza kwabo ngokukhuthala nangokuzinikela. IBhodi Yetrasti igqibe kwelokuba imisele iGosa Eliyintloko Lotyalo-mali (CIO) eliqalise kwingxowa-mali ngowoku-1 kuJulayi 2014. Ekubeni utyalo-mali luyinto ebaluleke kangaka kwingxowa-mali, amaLungu Etrasti abone kuyimfuneko ukuba nengcali yotyalo-mali exhaswa ngabacebisi abakhoyo ukuze inikele ngamacebiso okugqibela kwiBhodi. Umbono we-CIO kukonga iindleko ngaphandle kokubeka esichengeni iimbuyekezo ibe loo nto imiselwe ngokusemthethweni yiplani yotyalo-mali ebibekwe phambi kweBhodi. IBhodi ilivumile eli cebo kwaye inqanaba lalo lokuqala lenziwe ebudeni bukaOkthobha 2014. Njengoko utshintsho kutyalo-mali lwe-CRF lumele luhlale lujongwa ngeliso elibukhali, olu tshintsho luza kuthatha ixesha ukuba lwenziwe ngokupheleleyo. Kwi-AGM yonyaka ozayo i-Chief Investment Officer iza kuchaza iindleko eziye zongiwa negalelo elihle laloo nto kwisabelo sotyalo-mali lwelungu.

Okokugqibela, kwiBhodi – enkosi ngenyhweba nangethuba lokuba nguSihlalo wenu njengoko simanyene ekuzameni ukunikela eyona nkonzo isemagqabini kumalungu ethu. **Ndinothulel' umnqwazi nonke ngomsebenzi omhle eniwenzileyo!**

Soyisile Andreas Mokweni

USihlalo